## Awulityelwanga

Mhlawumbi ungomnye wezigidi zabantu elizweni lethu abaphila nentsholongwane kaGawulayo. Njengabo bonke abo baphila nale ntsholongwane uyalwa neemvakalelo ezifana nokuhlazeka, umsindo, ukuziva ungenamandla, nokoyikela ukuba wena kunye nabo bakufutshane nawe niya kulahlwa ngabantu.

## UThixo uyakhathala!

IBhayibhile isibonisa ukuba unothando olukhethekileyo nenkathalo kwabo bangakhathalelwayo, ababekwe ecaleni ngabantu bokuhlala. Xa uziva ulahliwe, uThixo uyafikelela kuwe.

> UThixo ulihlathi nenqaba yethu;
> ngexesha leenkathazo uluncedo
> oluhlala lulungile.

IINDUMISO 46:1

"Yizani kum, nina nonke nisindwayo, nibulalekayo; ndoniphumza. Ngenani edyokhweni yam, nifunde kum, kuba mna ndilulamile, ndingontliziyo ithobekileyo. Nothi ke nizifumanele ukuphumla iintliziyo zenu, kuba idyokhwe yam ayityabuli, nomthwalo wam ulula."

UMATEWU 11:28-30

## UYesu weza emhlabeni ukuze abe ngumsindisi, hayi umGwebi

"Kaloku uThixo ihlabathi ulithande kangangokuba ude wancama uNyana okuphela kwakhe, ukuze wonke umntu ozinikele kuye ngokupheleleyo angatshabalali, koko abe nobona

bomi bungenasiphelo. Kuba kaloku uThixo akamthumanga uNyana wakhe ehlabathini ukuze aligwebe, koko wamthuma ukuze abe nguMsindisi walo.
“Lowo uzinikelayo kuNyana kaThixo akagwetywa.”

UYOHANE 3:16-18a

“Kambe ke ndiyazi ukuba umkhululi
wam ukho;
ekugqibeleni iya kuba nguye
otshatshelayo ehlabathini.
Nokuba ulusu lwam lungade ludlavulwe
sesi sifo,
noko uThixo yena ndiya kumbona
ndidlavuke ndinjalo!
Ewe, ndiya kumbona ngala wam
amehlo,
indim, ingenguye wumbi.
Loo nto ndiyilangazelela ngomxhelo
wam wonke.”

UYOBI 19:25-27

## Imithandazo yethemba kwabo babandezelekileyo

“Ngoko ke ndinawe, sukoyika;
ndinguThixo wakho, sukuphakuzela.
Ndiza kukomeleza ndikusize,
amandla am asindisayo akuxhase
akukhusele.”

UISAYA 41:10

Ngamana iNkosi, ekuvela kuyo yonke inzolo, ingamana inipha uxolo njalo-njalo, ngeendlela zonke.

2 KWABASETESALONIKA 3:16a

***Iivesi zeziBhalo zithatyathwe kwiBhayibhile yesiXhosa ka-1996.**

